



PARLIAMENT  
OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# Intetho Kamongameli Engobume Besizwe



"Ukubhiyozela ilifa lenkululeko ngokuthi komelezwe

ikhonkco phakathi kwePalamente kunye naBantu"

# State of the Nation Address

*EyoMdumba yinyanga ebalulekileyo ePalamente nakubo bonke abemi baseMzantsi Afrika. Lixesa lokucmngca, ucinga ngekamva kwaye uhlengahlengisa iimfuno zelizwe lethu ngokubaluleka kwamalungelo azo. Rhoqo ngonyaka kweyoMdumba iNtetho kaMongameli engoBume beSizwe iyenziwa, xa uMongameli ethetha nesizwe njengenkeli yombuso.*

## **Yintoni iNtetho kaMongameli engoBume beSizwe?**

INtetho kaMongameli engoBume beSizwe, kuvulo lwePalamente rhoqo ngonyaka, yintetho ebhekiswa kwisizwe nguMongameli weRiphabliki yoMzantsi Afrika. Le ntetho yenziwa kwiNdibano yoCwego yeNdlu yoWiso-mthetho (NA) kune neBhunga leSizwe lamaPhondo (NCOP) lasePalamente. Igxininisa kwimeko yezopolitiko egqubayo ngelo xesha kune nezentlalo-noqoqoshoszesizwe. Le ndibano ibizwa nguMongameli kwaye isindlekwa nguSomlomo weNdlu yoWiso-mthetho kune noSihlalo webhunga leSizwe lamaPhondo. Yenye yeendibano ezinqabileyo aphi zontathu iingalo zombuso ezibizwa ngokuba siSigqeba esilawulayo, esimelwe nguMongameli, uSekela Mongameli kune nabaphathiswa; abezoMthetho, bemelwe yiNgqonyela yejaji yelizwe kune neejaji ezingooMongameli; kune nequmrhu leNdlu yoWiso-mthetho elimelwe ngamaLungu ePalamente zihlangana ndawonye. Amalungu oluntu nawo ayamelwa kwiNtetho kaMongameli engoBume beSizwe ukuze athathe inxaxheba kulo msitho odlala indima ebalulekileyo ekwakheni isizwe sethu.

## **Kutheni iNtetho kaMongameli engoBume beSizwe ibalulekile?**

Kule ntetho, uMongameli uqaqambisa esikuphumezileyo kune nemiceli-mnjeni yonyaka odlulileyo kwaye azobe konke ekufuneka kwensiwe kuloo nyaka. Le ntetho iquka ezopolitiko, ezoqoqoshos kune nemiba yezentlalo kwaye ijongana nemeko jikelele yaseMzantsi Afrika. Icamngca ngemiba yasekhaya eMzantsi Afrika kwakune nobudelwane bawo e-Afrika nakumazwe aphesheya. INtetho kaMongameli engoBume beSizwe yindlela ebalulekileyo yokunika ingxelo yokwenzekileyo konyaka odlulileyo ePalamente nakuluntu lwaseMzantsi Afrika kwanokubandakanya uluntu kwi-ajenda yezopolitiko yonyaka ozayo. INtetho kaMongameli engoBume beSizwe ikwabhiyozela isizwe sethu kune nokusakha.

## **IBAKHO NINI LE NTETHO?**

INtetho kaMongameli engoBume beSizwe ibakho rhoqo kweyoMdumba. Kanti ke, xa kukho unyulo jikelele kubakho iintetho ezimbini kulo nyaka, enye yeypukhawula iseshoni yokuggibela yePalamente efikelela esiphelweni ize eyesibini yenzeke emva konyulo, xa uMongameli omtsha nePalamente entsha zisaziswa. Ukushenxa kwisiqhelo kweyoMdumba wama-2010, iNtetho kaMongameli engoBume beSizwe yenziwa ngorhatya okokuqala, ukunika abemi baseMzantsi Afrika abongezelekileyo ithuba lokubona bangqine okwenziwayo kune nokumamela intetho kaMongameli. Njengesiphumo salenguquko, inani lababukeli bakamabonakude lanyuka ukusuka malunga nezigidi ezimbini ukuya ngaphantsi nje kwezigidi ezine.

## **Inxaxheba yoluntu kwiNtetho kaMongameli engoBume beSizwe**

Inxaxheba yoluntu yinxalenye ebalulekileyo yalo msitho. Amalungu oluntu ayamenya ukuba athathe inxaxheba kulo msitho njengendwendwe ezimeniweyo zePalamente. Abemi baseMzantsi Afrika abaphuma kulo lonke elaseMzantsi Afrika nabavala kwiPhondo ngalinye babayinxalenye yemiNgcelele yokuNika iMbeko. UMngcelele wokuNika iMbeko, owamkela uMongameli ePalamente, weniwi ngabemi abaqhelekileyo baseMzantsi Afrika. UMngcelele wabaNtwna wokuNika iMbeko weniwi ngabantwana abaphuma kwizikolo ngezikolo zelizwe kwaye wona umele ulutsha, othi uMzantsi Afrika unikele kulo ikamva lelizwe. Abemi baseMzantsi Afrika ababalaseleyo basoloko bemenywa ukuba babe yinxalenye yemibhiyozo. Baphuma kumaphondo onke eli kwaye ngabantu abanagalelo elikhulu elizweni

## **INtetho kaMongameli engoBume beSizwe kune nomsebenzi wokongamela wePalamente**

INtetho kaMongameli engoBume beSizwe ingundogo kwindima yokongamela kune nokunika ingxelo. Uvavanyo Iwenene lentando yesinzi kukuba iPalamente ingakuqinisekisa kangakanani

na ukuba urhulumente ahlale enika iimpendulo kuluntu. Ukongamela ngumsebenzi ogunyaziswa nぐMgaqo-siseko kwiPalamente ukuba yongamela kwaye ibeve esweni izeno zikarhulumente. IPalamente igunyaziswa ukuba yongamele onke amalungu oMbuso kuukuka nalawo akumaphondo nakumgangatho woomasipala basekhaya uku:

- ❖ Benze urhulumente aphendule ngemali yabarhafi
  - ❖ Benze iinkqubo zikarhulumente zibe selubala kunye
  - ❖ Nokwandisa ukuthembeka kukarhulumente kuluntu
- Xa iPalamente isenza umsebenzi wayo wokongamela igxininisa ekubeni:
- ❖ Iqaliswa njani imithetho
  - ❖ Ichithwe njani imali eyabiwe ngohlahllo-lwabiwo-mali kunye nokuba
  - ❖ Amasebe karhulumente alawulwa kakuhle na.

Umsebenzi wokongamela ubangela ukulawulwa kakuhle kwamasebe karhulumente ukuze kuphuculwe ukuziswa kweenkonzo nokuphumeza umgangatho ongcono wobomi kubo bonke abemi.

KwiNtetho kaMongameli engoBume beSizwe, uMongameli ujonga ubume besizwe aze amisele iinjongo zomgaqo-siseko nezinto ekufuneka ziphunyeziwe kuloo nyaka. UMphathiswa weziMali ukhokelwa zezi njongo zomgaqo-nkqubo nesicwangciso sezinto ekufuneka ziphunyeziwe xa esenza uHlahlo-lwabiwo-mali lonyaka ozayo, olusoloko lusekupheleni kwyeoMdumba. Iinjongo zomgaqo-nkqubo nesicwangciso sezinto ekufuneka ziphunyeziwe zenza isiseko esingundoqo sezinto ekufuneka urhulumente ezenzile kunya ozayo. Luphawu iPalamente elusebenzisayo ukuze urhulumente aphendule ebantwini, azise iinkonzo, nendlela ethi ichithwe ngayo imali eyabiweyo.

### **Kwenzeka ntoni emva kweNtetho kaMongameli engoBume beSizwe?**

Emva kokuba iNtetho kaMongameli engoBume beSizwe yensiwe, iye ixoxwe ziziNdlu zombini zasePalamente. Amaqela ezopolitiko abanethuba lokunika ezawo izimvo abuze nemibuzo kwimiba ethe yashukuxwa ngethuba lentetho. Imiba exhalabisayo iziswa ngaphambili neendawo ezibaluleke kakhulu kwisizwe ziyanxininiwa. Uluntu lumenywa ukuba luzimase kwaye lujonge nendlela ehamba ngayo le ngxoxo njengoko ilisiko kuzo zonke iiseshoni zasePalamente, Emva koko, uMongameli uye aphendule kwimiba ephakanyisiweyo nakwimibuzo ezalwla yi.le ngxoxo.

### **Uthini umxholo wePalamente kulo nyaka?**

Umxholo wePalamente wonyaka wama-2011 uthi "Ukubhiyozela ilifa lenkululeko ngokuthi komelezwe ikhonco phakathi kwePalamente kunye naBantu". Rhoqo ngonyaka iPalamente ichonga umxholo ngokuxhotiyswa yinqwalasela yobuchule bePalamente. Umbuso wenene wentando yesinzi ngonqwenela ukuzuza igunya lawo ebantwini, ngokubamba unyulo rhoqo nokuthatha inxaxheba koluntu okungapheliyo kwinkqubo zikarhulumente. Umxholo ukhuthaza ukuqondwa kwentando yesinzi yomgaqo-siseko apho kuthathwa inxaxheba kwaye kumelwe abantu, apho abemi babandakanwa kwimiba yokwenzwa komthetho nokongamela. Igxininisa indima yePalamente, ekukumela abantu nokuqinisekwa urhulumente wabantu phantsi koMgaqo-siseko. Umsebenzi wePalamente kunye namaLungu ayo kufuneka ugxininise ekomelezeni amakhonko phakathi kwabantu nabameli babo abyuliwego. Impumelelo yePalamente ixhomekeke ekuthatheni inxaxheba kwabo bonke abemi baseMzantsi Afrika ukukhomba indlela yokusebenza kwamaLungu ePalamente anyuliwego kunye neziko ngokwalo.

### **Uluntu lungayithatha njani inxaxheba ePalamente?**

Ukubandakanye kwinkqubo yomsitho weNtetho kaMongameli engoBume beSizwe yenye yeendlela uluntu olungabandakanwa ngayo kwiPalamente yabo. Zikhona nezinye iindlela zokuthatha inxaxheba ePalamente kwaye ezi ziukwa ukuvota ngexesa lonyulo, ukuzimanya neqela lezopolitiko, uphembelele iqela lezopolitiko ngokuzimanya unganyanzelwanga okanye ube lilungu lombutho ongekho phantsi kolawulo lukarhulumente, ukuqhagamshelana namaLungu ePalamente,

ukwenza iziphakamiso okanye ukuthumela uxwebhu lwezikhalazo ePalamente. IPalamente izinikele ekwenzeni ukuba ifikeleleke kuluntu lwaseMzantsi Afrika ngokuthi idale amathuba okuzibandakanya ngokunentsingiselokuthatha inxaxheba kwabo bonke: amadoda nabafazi, abafundileyo nabangafundanga, abaphangelayo nabangaphangeliyo, abangakhubazekanga okanyeabantu abakhubazekileyo, abahluphekileyo (ingakumbi abahluphekileyo basemaphandleni), kune nabanyeabantu ekujoliswe kubo: bahlangane ize bathethethe ngemiba ebhekiselele kwiimfuno ezingundoqo. linkqubo ezikhethekileyo ezifana nePeople's Assembly, Taking Parliament to the People, Women's Parliament kune neYouth Parliament zonke ngamaqonga ekujoliswe ukubandakanya uluntu ngawo ukuze kuvive izimvo zabo ngezinto ezibalulekileyo kubo. IPalamente ifuna ukunabisa ukubandakanyeka koluntu nokuthatha inxaxheba ngokuhambelana nomxholo walo nyaka othi "Ukubhiyozela ilifa lenkululeko ngokuthi komelezwe ikhonco phakathi kwePalamente kune naBantu".

## **Ungathanda ukundwendwela ePalamente?**

I-Ofisi yezemfundo zoluntu yasePalamente inikezela ngokhenketho IwasePalamente simahla kune nethuba lokuba uluntu lubone iingxoxo luhleli kwiigalari zeNdlu yoWiso-mthetho kune neBhunga leSizwe lamaPhondo. Amalungiselelo angenziwa ukuze uluntu luhangane namaLungu ePalamente kwaye luzimase iINDibano zovakaliso zimvo okanye iintlanganiso zeeKomiti, UKuba awukwazi ukuza ePalamente, ungakhangelia website yethu [www.parliament.gov.za](http://www.parliament.gov.za) uze ufumane ukhenketho IwePalamente ngemifanekiso yekhompyutha kuyo nayiphi na indawo okuyo ehlabathini.

### **Ngeenkukacha ezithe vetshe qhagamshela:**

**Umntu oqhagamshelana naye:** Nhlanhla Mrwerwe

**Umnxeba:** (021) 403 2266 • **Ifeksi:** (021) 403 3817 / 403 3303

**I-imeyili:** [nmrwerwe@parliament.gov.za](mailto:nmrwerwe@parliament.gov.za)

## **AMANQAKWANA NGOKUKHAWULEZA**

- INTetho kaMongameli engoBume beSizwe iza kwenziwa kwakhona ngorhatya, ngomhla we-10 kweyoMdumba 2011.02.01
- ISONA yahlulwa kathathu. Okokuqala kuthatha inxaxheba uluntu xa uMngcelele wokuniqa iMbeko usamkela uMongameli neendwendwe zakhe njengokuba behamba kwikhaphethi ebomvu. Oku kulandelwa ngumsitho wombuso oquka ukudutulywa ngompu izihlandlo ezingama-21 kune nomkhosi waseMoyeni obhabha ngeenqwelomoya udlula ePalamente ize ekugqibeleni INTetho elindelwe ngabomvu.
- AmaLungu oMkhosi wezoKhuselo IweSizwe aseMzantsi Afrika agudla indlela aza kuthatha yona umongameli ukuya ePalamente.
- UMngcelele wokuniqa iMbeko woMkhosi nawo uthatha inxaxheba kulo msitho kwaye iqela lawo leentbulala lidlala umhobe wesizwe waseMzantsi Afrika.
- Ukudutulyula kompu izihlandlo ezingama-21 kunika imbeko kwiNkokeli yoMbuso, iflegi yesizwe, iNkokeli yoMbuso yelizwe langaphandle, ilungu losapho Iwasebukhosini obuphetheyo kune nowayesakuba yiNkokeli yoMbuso.

## **UMBONO WEPALAMENTE**

Ukwakha iPalamente yabantu esebenzayo ejongene neemfuno zabantu eqhutywa  
lipupha lokuzalisekisa uhlobo lobomi obungcono kubantu bonke boMzantsi Afrika.